Isalathiso: 20200911-7994
Inombolo yefayili: 11/1/3/1/*Die Burger* Youth Leadership Conference
Imibuzo: HA Brand

INgcaciso eMfutshane yeSebe eliKhulu loLawulo lweKharityhulam noVavanyo: 0003/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu

Isihloko: **INkomfa yePhephandaba i-*Die Burger Youth Leadership Conference* yange-14–16 Disemba 2020**

1. Iphephandaba i-*Die Burger*, libambisene neSebe leMfundo leNtshona Koloni, liza kubamba eye-**62 iNkomfa yoLutsha yoBunkokeli yaqho ngoNyaka** (**62nd *Annual Leadership Conference***) **ngoDisemba 2020**.

2. Ngenxa yefuthe likabhubhane weCovid-19, iNkomfa yoLutsha yoBunkokeli ka-2020 iya kuba sisiganeko esiqhubeka ngonxibelelwano luka-intanethi. **Ingcaciso engaphezulu neefom zesicelo eziyimfuneko ziza kuhanjiswa kungekudala.**

3. Kucelwa izikolo zityumbe usihlalo kunye/okanye usekela-sihlalo onyuliweyo weBhunga eliMele aBafundi (*Representative Council of Learners*) (*RCL*) ukulungiselela u-2021 omakathathe inxaxheba kule nkomfa yokwabelana ngamava angaka axhobisa ngolwazi . Oku kuthetha ukuba izikolo kufuneka zilungiselele unyulo lwee*RCL* ngendlela eya kuphumelelisa umhla wokuvalwa kwezicelo nge-**06 Novemba 2020**.

4. Zamkelekile izikolo ukuba zibuze nayiphi na imibuzo emalunga nenkomfa kuSihlalo weNkomfa, uMnu Barry Volschenk kule selula: 082 376 4794

5. Iya kuthakazelelwa inkxaso yenu kule projekthi.

6. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2020-09-29